Ikamva-Ukunonophela abantwana bethu

IsiKolo seCawa sabancinane

Isihloko sesifundo: Ukwabelana

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisiKolo seCawa sabancinane esithi **“Ukwabelana.”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (kwiklasi yesiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Pre-SS, SS1,RI1, okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Umphathi wakho webandla wesikolo seCawa noTitshala bakulungele ukunceda.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Ukwabelana
Injongo yesifundo	Ukwabelana kuzisa ubudlelwane kunye novuyo

Isishwankathelo sesifundo:

Namhlanje isifundo sethu sahlukile asililo ibali leBhayibhile, kodwa ngumyalezo ovela kuBawo wethu waseZulwini. Xa sifunda iBhayibhile, sikwafunda ngokwabelana.

Namhlanje siza kufunda ukuba ukwabelana kuzisa ubudlelwane, uvuyo kunye neentsikelelo.

Uyabona ukuba uYesu Krestu usifundisa ukuba sabelane. Sifumana izinto ezininzi ezintle nezilungileyo zomzimba nomphefumlo, kuBawo wethu waseZulwini.

Yonke into esinayo ivela kuBawo wethu waseZulwini kwaye ngenxa yoko asinako ukuyizigcinela thina yonke. Sisoloko sifuna ukuziqhelanisa nokunikezela inxalenye yoko sinako kwabanye. Asifuni ukuba ngabazingcayo.

Ukupha abanye kubizwa ngokuba kukwabelana. Xa sisabelana nosapho lwethu, abahlobo okanye abo basweleyo, siziva sinemvakalelo elungileyo, akunjalo? Kuyasenza sizive sonwabile kwaye kubenza abo sabelana nabo, bonwabe.

Ngaba ikhona indlela elungileyo kunye nengalunganga yokwabelana? (buza umntwana ukuba ucinga ntoni)

Makhe sijonge eminye imizekelo yokwabelana:

Ukwabela ngesonka kunye nomhlobo. Yeyiphi indlela engcono yokwabelana?

- Ingaba uyabavumela ukuba balume isonka sakho? Okanye
- Ingaba unika umhlobo wakho isonka esiphelele sakho?

(Mncome umntwana wakho xa ephendula esithi "unika umhlobo wakho isonka esipheleleyo" Ngokunikezela ngesonka esipheleleyo, yimo elungileyo, kwaye wenza umhlobo wakho azive ekhetheke kakhulu.

Konke malunga nokwabelana

Omnye umzekelo ngulo: Ukwabela ngezinto zokudlala zakho

- Xa unosuku lokudlala ngaphezulu ekhaya uyabavumela abahlobo bakho ukuba bakubukele udlala ngezinto zokudlala zakho? Okanye
- Ingaba uyabamema ukuba bakhethe into yokudlala ukuze badlale nawe?

Kwakhona uphendule ngokuchanekileyo, kulungile ukuba wabelana ngazo, oko kubonisa ukuba akuzingci kwaye nokwabelana kuzisa ulonwabo olukhulu
Khumbula ukwabelana kuzisa uvuyo olukhulu
Khumbula ukwabelana ngezinto zokudlala zakho kunye nomntakwenu okanye udade wenu kukwakhona menza avuye uYesu

Umzekelo wokugqibela wokwabelana ecaweni

- **Ucinga ukuba singabelana njani ecaweni? (Mamela impendulo yomntwana)**

ü Ngokwabelana ngeencwadi zethu zamaculo nomhlobo ohleli ecaleni kwethu ebandleni kulowo ungenayo incwadi
ü Ngokuvumela abahlobo bethu ukuba basebenzise iikhrayoni zethu kwiSikolo seCawa,
ü Ngokwabelana ngexesha lethu lokucoca indlu kaThixo, okanye ukuthandazelana, okanye ukuba omnye wabahlobo bethu ebengekho kwisifundo sesiKolo seCawa sinako ukucela ukuba sixelele umama okanye utata ukuba singabatsalela umnxeba ukuze baxelele ukuba kule veki isifundo sethu sonke besimalunga nokwabelana.

Xa sisabelana, sikwafunda ukukhathalela.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- UThixo uyasicela ukuba sabelane nabanye kwakunye nabo basweleyo.
- Ukwabelana akusikeleleli abo sibaphayo kuphela kodwa kuvumela nathi ukuba sisikeleleke.
- Xa sisabelana nabanye oko kuthetha ukuba siyakhathala.
- Ukwabelana kusenza sivuye kunye nabanye.
- Eyona nto ibaluleke kakhulu xa sisabelana kumenza uYesu avuye…
-

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

Q: Kuthetha ukuthini ukwabelana?
A: Kukuthatha onakho ukunike abanye.
Q: Uyintoni umvuzo wakho wokwabelana?
A: Ngumhlobo ovuyayo nomhlobo onombulelo.
NguYesu ovuyayo- ngokuba wabelane nnjengoko esenza. Kwaye iintsikelelo ezikhethekileyo!

Umthandazo wethu

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen

Umthandazo emva kwesifundo:

Bawo othandekayo osezulwini, ndiya kubulela ngokusikhusela kwakho namhlanje nokuba kungakhange kubekho ingozi logama besithandaza.

Senze sibe nobusuku obulungileyo nosuku olulandelayo oluhle.

Nceda ndincede esikolweni ukuze ndisebenzisane kakuhle nabahlobo bam ndingalwi kunye nabo.

Yiba noMama noTata ngawo onke amaxesha.

Sikelela iNtloko yabaPostile, abaPostile nazo zonke iinkokheli kwaye zikhusele kwiihambo zazo.

Ndiyakucela nceda bonke abantwana, ngokukhekileyo abo bagulayo. Yiza kwakamsinya usithabathele sonke ekhaya. Sikucela egameni likaYesu. Amen